Isifundo 13

**Juni 17–23*

Imixholo Ephambili Ku-1 no-2 Petros

Sabatha Emva Kwemini

Fundela Isifundo Sale Veki:
Isa. 53:5, 6, 9; Lev. 16:16–19; Lev. 11:44; Rom. 13:1–7; 1 Kor. 14:40; 2 Tim. 3:16.

Indima Yenkumbulo:
“Yena ngokwaKhe wazithwala izono zethu ngomzimba wakhe emnqamlezweni, ukuze sithi, sikhululekile ezonweni, siphilele ubulungisa; niphiliswe ngamanxeba waKhe” (1 Petros 2:24, NRSV).

Incwadi yokuqala neyesibini zikaPetros zabhalelwa iinjongo eziphathekayo. Ku-1 Petros, umba omkhulu owawuphambi kwakhe uPetros wawuyintshutshiso amaKristu awayejongene nayo. Ku-2 Petros, umba omkhulu wawungowabafundisi bobuxoki. UPetros wabhala ngokunyanzeleka ngegunya njengoko wayefuna ukukhuthaza abafundi bakhe kwakunye nokubalumkisa ngokubhekiselele kwimingeni ephambi kwabo. Into ebalulekileyo yeyokuba uPetros uyiphendula yomibini le miba ngamazwi emfundo ngoThixo. Ukuphatheka kakubi okubangwa yintshutshiso kwamkhokelela uPetros ukuba acamngce ngokuphatheka kakubi kunye nokufa kukaYesu, okwaba nesiphumo sokusindiswa kwethu. Abafundisi bobuxoki babeza kujongana nokuqiniseka komgwebo, owawuza kubakho emva kokuba uYesu ebuyele kulo mhlaba. Ikho eminye yemixholo ayiphathayo uPetros kwiileta zakhe zombini. Isifundo sale veki yokugqibela siza kuqwalasela ngokujonga kwiinkcukacha zemixholo emihlanu abhala ngayo uPetros: ukuphatheka kakubi kukaYesu okwakhokelela ekusindisweni kwethu; ukusabela kwethu okuphathekayo kulwazi lokuba uThixo uya kugweba izenzo zethu ngomgwebo wokugqibela; ithemba esinalo lokubuya okukhawulezileyo kukaYesu; ucwangco ekuhlaleni nasebandleni; kunye nendawo yesiBhalo ekunikeni inkokhelo ebomini bethu.

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha ka-Juni 24.*

Ukubandezeleka, UYesu, NoSindiso

Funda ezi ndawo zilandelayo uqaphele ukuba iyileyo ityhila ntoni ngosindiso:

1 Pet. 1:2 _____

1 Pet. 1:8, 9 _____

1 Pet. 1:18, 19 _____

1 Pet. 2:22–25 _____

1 Pet. 3:18 _____

Xa uPetros ethetha ngosindiso, kusukuba lungokubandezeleka kukaYesu njengoMmeli waboni. Umzekelo, ku-1 Petros 2:22–24, xa uPetros ebhala ngokubandezeleka kukaYesu, usebenzisa ulwimi olubonisa u-Isaya 53:5, 6, 9. U-"Okwenene [uYesu] uzithabathele phezu kwakhe izifo zethu" emnqamlezweni kwaye "siphiliswe ngemivumbo yakhe," (1 Pet. 2:24), utyhila iingcamango zokuma endaweni [yomntu] nokubingelela.

Kwimibingelelo emininzi echazwe kwiBhayibhile yesiHebhere, aboni babesiza nomnikelo etempileni, babeke izandla zabo phezu kwayo. Esi senzo sasifuzisela ukususwa kwesono kumoni siye esilwanyaneni, asasiye sife endaweni yomoni (Lev. 4:29, 30, 33, 34; 14:10–13). Ubunqambi besono obabufumba esibingelelweni babuhlanjululwa bususwe ngemini yoCamagushelo (Lev. 16:16–19).

Igazi lombingelelo lalinendawo ebalulekileyo ekucamagusheleni isono. AmaKristu athengwe ngegazi elinexabiso likaYesu (1 Pet. 1:18, 19). UPawulos naye, wathetha kwale ngcamango yokumelwa: UYesu owayengazani nasono, waba sisono ngenxa yethu (2 Kor. 5:21). Njengoko exela u-1 Petros 3:18, uKristu waphatheka kakubi ngenxa yezono, olilungisa (uYesu) ngenxa yabangemalungisa (thina).

NjengoPawulos, (Roma 3:21, 22), uPetros ugxininisa isidingo sokholo. Ngokutsho kwakhe kubafundi bakhe: "Enithe ningambonanga nje, namthanda . . . nisamkela isiphelo sokholo lwenu, usindiso ke lwemiphefumlo yenu" (1 Pet. 1:8, 9). Usindiso alwamkelwa ngesimilo sokuhlonela uThixo, kodwa lunikwa xa sikholwa kwinto athe uYesu wasenzela saza samamkela njengoMsindisi wethu. Isiqinisekiso sethu sifumaneka kuYe, kungekho kuthi ngokwethu. Ukuba bekukuthi, besingaba nesiqinisekiso esinjani esisiso?

Kungani ukuba uYesu abe nguMmeli wakho, iThemba eliKhulu losindiso? Yintuthuzelo enjani onokuyizuza kule nyaniso imangalisayo?

Simele Ukuphila Njani?

Umxholo uPetros abuyela rhoqo kuwo ukudlula eminye ubekwa ngumbuzo awubuzayo ku-2 Petros 3:11: “Ezo zinto zonke ngoku zichithakala nje, nimele ukuba ngabanjani na ngeehambo ezingcwele nokuhlonela uThixo?”

Funda ezi ndima zilandelayo. Uthini uPetros ngokuziphatha komKristu? 1 Pet. 1:15–17, 22; 1 Pet. 2:1; 1 Pet. 3:8, 9; 1 Pet. 4:7–11; 2 Pet. 3:11.

UPetros uthetha ngokuziphatha komKristu kwiingongoma ezininzi kwiileta zakhe zombini, kanti eminye imixholo imana ukuphinda ukuvela. Kuqala, kukabini uPetros ecinezela ngokuhlangana phakathi kogwebo lukaThixo nokuziphatha komKristu (1 Pet. 1:17 naku-2 Pet. 3:11). UThixo uza kugweba izenzo zomntu wonke. Ngoko ke, umKristu kufuneka aphile ubomi bokubangcwele.

Okwesibini, amaxesha amaninzi uPetros ukhankanya ukuba umKristu kufuneka abe ngcwele. KwiBhayibhile yesiHebhere, izinto ezingcwele zibekwe bucala ukuba zisetyenziswe etempileni (Eksodus.. 26:34; 28:36; 29:6, 37) okanye zisetyenziselwe injongo kaThixo (umzekelo, iSabatha kuGenesisi 2:3). Kanti ke, icebo likaThixo lalilelokuba abantu baKhe babe ngcwele, umxholo awuchukumisayo, nawo (Lev. 11:44; 19:2; 1 Pet. 1:15, 16). Inkqubo yokubekela into bucala njengengcwele kuthiwa “kukungcwalisa,” lwaye ulangazelelo lukaPetros ngabafundi bakhe kukuba bangcwaliswe ngoMoya, bamthobele uYesu (1 Pet. 1:2).

Okwesithathu, uPetros unike iinkcukacha ngokuziphatha okufanelekileyo kwabo bangcwalisiweyo. Kufuneka bakususe kubo ububi, inkohliso, ukunganyaniseki, umona, nokuthetha kakubi (1 Pet. 2:1). Kufuneka babe banye emoyeni, bathandane omnye nomnye, babe nengqondo ethobekileyo(1 Pet. 3:8, 9). Kufuneka balunge, bahlonele uThixo, babe nothando (2 Pet. 1:5–7). Ngokwenene, kufuneka bagcine uthando oluzingisileyo (1 Pet. 4:7–11). Ekugqibeleni, uPetros ukhuthaza abaphulaphuli bakhe ukuba baphose lonke ixhala labo kuYesu (1 Pet. 5:7).

Singakufunda njani ukukhuthazana omnye nomnye ngeendlela ezingenakugweba, siphile uhlobo lobomi uPetros kwiincwadi zakhe luyafuneka?

Ithemba EkuBuyeni KwesiBini

Funda iindima ezilandelayo uqaphele okuthethwa ngeziganeko ezizayo:

1 Pet. 1:4 _____

1 Pet. 1:17 _____

1 Pet. 4:5, 6 _____

1 Pet. 4:17 _____

2 Pet. 3:1–10 _____

Omnye kwimiba ebalulekileyo ejongene nabo baqala ukufunda nokuva u-1 Petros yintshutshiso. UPetros uthuthuzela abafundi bakhe ngengcamango yokuba, nangona ubomi babo bunokuphazanyiswa yintshutshiso, ukho umvuzo wexesha elizayo obalindeleyo ezulwini, umvuzo ongenakuhluthwa. Kwangoko, ku-1 Petros, uxela ukuba amaKristu anelifa elingenakutshabalala aligcinelweyo ezulwini (1 Pet. 1:4). UPetros ubalula izinto ezimbini eziza kwenzeka kwixesha elizayo: umgwebo wokugqibela nentshabalaliso ngomlilo yobubi. Ngamanye amazwi, ubonisa ukuba, nangona kukho intshutshiso ngoku, ubulungisa nogwebo luya kufika, aze amakholwa amkeliswe umvuzo wawo ongunaphakade. UPetros uthetha ngomgwebo amaxesha amathathu: (1 Pet. 1:17; 4:5, 6, 17). Uthi uThixo uYise ugweba bonke abantu ngaphandle komkhethe ngokwezenzo zabo; (1 Pet. 1:17).

Ukwaphawula ukuba uYesu ngokwaKhe ulungele ukugweba abaphilayo nabafileyo (1 Pet. 4:5). Ukwaphawula ngendlela enomdla ukuba ugwebo luqala ngabendlu kaThixo (1 Pet. 4:17). UPetros ukwabethelela ukuba "abangahloneli Thixo" baya kutshabalala ngomlilo wezwe lonke. (2 Pet. 3:7). UPetros uthabatha ixesha ethetha ngeengxaki eziya kubakho ngenxa yokuba uYesu ebuya okanye engabuyi (2 Pet. 3:1–10). Uthi "ukulibazisa kokubuya kwesibini kukaYesu kukunika abantu ithuba lokuguquka baze basindiswe. Ukwaxela nokuba ukuqiniseka kokuphawulwa kwexesha elizayo kumele ukoyisela wonke umntu ukuba aphile ubomi obungcwele obungenabala. Ngoko ke, nokuba uPetros uqwalasele apha kweli xesha nakwindlela yokuphila komKristu, usabagcine phambi kwabafundi bakhe ithemba elibalindeleyo. Ngokufutshane, nokuba iimeko zexeshana zithini, kufuneka babheke phambili bekholwa, bethobela.

Kungani nawe kufuneka ubheke phambili elukholweni nasekuthobeleni, nokuba zithini iimeko zakho? Yintoni enye ekhoyo obungayenza?

Ucwangco Ekuhlaleni Nasebandleni

Funda ezi ndawo zilandelayo. Uthini uPetros kwezi ndima ngokubaluleka kwako kokubini, ukulawula nobunkokheli bebandla, kwaye kufuneka asabele njani amaKristu kuko kokubini? Amele ukusetyenziswa njani amazwi akhe kwiimeko zethu namhlanje, nokuba sihlala phi?

1 Pet. 2:11–21 _____

_____

_____

1 Pet. 5:1–5 _____

_____

_____

UPetros wayephila ngexesha amaKristu ayemana etshutshiswa ngurhulumente namagunya enkolo. Le nto ikwenza kubaluleke kakhulu oko yena noPawulos bakuthethayo ngeyona ndawo iyiyo yamagunya olawulo. (1 Pet. 2:13–17, Rom. 13:1–7). Kubo bobabini, amagunya olawulo abekwa nguThixo ngokwaKhe ukuba asebenze ukunqanda abo benza inkohlakalo. Phofu ke, akho amaxesha athi amagunya alawulayo abe yingxaki. AmaKristu ajongana nale meko ngexesha likaPetros, kwaye iya kuya ibambi iminyaka emininzi. Kona, kona, into ithi, ulawulo olulungileyo luya kuwugcina umthetho nocwangco kunye nokhuseleko. Nanamhlanje ikho imizekelo apho kuwe phantsi umthetho nocwangco, aze omnye abone isidingo esikhulu solawulo olusezingqondweni. Yinyaniso; ulawulo olulungileyo enye yeentsikelelo uThixo azinike uluntu. UPetros, ngaphandle kwamathandabuzo, wabelana noPawulos ngengqondo ethi ulawulo olulungileyo lwebandla nalo lubalulekile. UPawulos uthi, "Zonke izinto mazenziwe ngokubekekileyo nangolungelelwano" (1 Kor. 14:40), kwinkonzo yonqulo ebandleni. UPetros kwangokunjalo ucela iinkokheli zebandla esithi, "Waluseni umhlambi kaThixo ophakathi kwenu" (1 Pet. 5:2). Kufuneka zikwenze oko ngokuthobeka nangenkathalo. Amabandla asekuhlaleni kufuneka akhokelwe kakuhle. Iinkokheli ezilungileyo zinika umbono nokumanyana, zibasebenzise abanye ukuba basebenzise izipho zikaMoya ukuzukisa uThixo.

U-1 Petros 5:5 uthi kufuneka ninxibe ukuthobeka omnye ngakomnye. Singakufunda njani ukukwenza oko? Ungenza ntoni wena ngokwakho, ukukusebenzisa oku ekuhlanganeni nabanye?

_____

Ubuntloko BesiBhalo

Funda ezi ndawo zilandelayo. Yintoni eziyithethayo ngeBhayibhile enokusinceda ukuba siyiqonde namhlanje ukuba imele ukuba yintoni inxaxheba yayo ebomini naselukholweni lwethu?

1 Pet. 1:10–12 _____

2 Pet. 1:16–20 _____

2 Pet. 3:2 _____

2 Pet. 3:16 _____

Kwileta yakhe yesibini, uPetros ujongana nabafundisi bobuxoki. Ukhangelisa abafundi bakhe kumajelo amabini egunya xa athi, "[nimele] ukuba niwakhumbule amazwi abethethiwe ngenxa engaphambili ngabaprofeti abangcwele nawo umthetho wabapostile bethu beNkosi uMsindisi." (2 Pet. 3:2). Namhlanje sinesisele esinye samazwi "abaprofeti abangcwele" – iTestamente eNdala. Abapostile abaphilayo asisenabo, injalo loo nto, kodwa ngandlela ithile sinento elunge ngaphezulu; ubungqina babo obuphefumlelweyo, njengoko butyhiliwe kwiTestamente eNtsha. UMateyu, Marko Luka, noYohane basishiya nebali eliqinisekileyo lobomi bukaYesu, ukufa nokuvuka. KwiZenzo zabaPostile, sishiywe neengxelo zokusebenza kwabapostile. Ngokwenene, sinako ukufunda amazwi aphefumlelweyo abapostile ngokwabo. UPawulos wabhala ngqwabalala ngegunya leLizwi likaThixo (2 Tim. 3:16). UPetros, ke ngoko, ukhokelela abafundi bakhe esiBhalweni njengeliso legunya lemfundiso nendlela yokuziphatha.

Ku-2 Petros 3:16, uPetros uyala abafundi nabamameleyo ukuba, nangona isiBhalo sililiso lenyaniso, ngaphandle kokumisa ingqondo ngobunono kwisigidimi uMoya Oyingcwele afuna sisiqonde, iliso lenyaniso ngokwalo lingaqondwa gwenxa, ukuze oku kube neziphumo ezibi.

Amazwi akhe kufuneka abe sisikhumbuzi esilungileyo kuthi ngoku ngemithetho-siseko esisiseko sokufunda iBhayibhile. Kufuneka siyifunde indawo yesiBhalo ngomthandazo. Kufuneka sifunde ngokwale ndawo ithetha ikuyo esahlukweni, encwadini naseBhayibhileni yonke. Wayethetha ngantoni ngqo umbhali xa wayebhala? Kufuneka siyifunde sinombono neemeko zexesha elo yayibhalwe ngalo. (Kumcimbi ka-1 no-2 Petros, kunokuba kusebukumkanini baseRoma kwinkulungwane yokuqala.) Sifanele ukuyiqonda imbono yangaphakathi kunye nolwazi lokuba, usindiso olwaziswa ngumbingelelo nokufa kukaKristu lusembindini wesigidimi seBhayibhile. (1 Pet. 1:10–12). Ekugqibeleni, kufuneka siyifunde ngokubhekisele ebomini bethu. Ithini inyaniso uThixo anga singayizuza? Singalisebenzisa njani iLizwi elibhaliweyo kobethu ubomi ngendlela eya kwenza igalelo elihle ebukumkanini bukaThixo?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Naphakathi kokufunda ngoThixo okunzima, iileta zikaPetros zibeka uxinzelelo oluqinileyo ebomini bobuKristu nendlela esimele ukuphathana ngayo omnye nomnye. Ngamanye amazwi, ewe, sidinga ukuyazi inyaniso njengoko injalo kuYesu. Sekunjalo, okubaluleke kakhulu, siyakudinga nako ukuyiphila inyaniso. Phaya ekuqaleni, sifumana la mazwi aphakamileyo, "Niyenze nyulu nje imiphefumlo yenu ngokuyilulamela inyaniso ngoMoya, kuse ekuthandeni abazalwana okungenaluhanahaniso, thandanani ngenyameko, ngokwasentliziywenyi ehlambulukileyo" (1 Pet. 1:22). Phawula indlela ahlanganisa ngayo ukwenziwa nyulu kwemiphefumlo yethu nokuthobela inyaniso. Inyaniso iyasiguqula, isenze abantu abathandanayo ngenyameko nange"ntliziyo enyulu." Ukuthobela, ubunyulu bentliziyo, nothando—kokuthathu kuyahambelana. Ngumgangatho lo ekufuneka sizamele ukufikelela kuwo. Khawucinge nje ukuba bebuya kuba nomahluko onjani ubomi bethu kunye namabandla ethu ukuba besingalandela lo mngeni? Cinga ukuba bekuya kulenzela ntoni ubunye ibandla, ingekho enye into. "Bazalwana, aningethwali umoya kaKristu na ngaphakathi kwenu xa nibuyela emakhayeni nasemabandleni enu? Ningakubeka ecaleni na ukungakholwa nokugxeka? Siza kwixesha apho, ngaphezulu kunakuqala, siya kudinga ukuba sayamane, sisebenze ngokumanyeneyo. Ekumanyaneni kukho amandla. Kwimpixano neyantlukwano kukho ubuthakathaka kuphela."—Ellen G. White, *Selected Messages,* book 2, pp. 373, 374.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Ku-2 Petros 3:12, umpostile wabhala esithi, "nikulindela, nikukhawulezela, ukufika kwayo imini kaThixo, eliya kuthi ngenxa yayo izulu lifakwe isikhuni, lichithakale, zithi neziqalelo zitshe zinyibilike." Uthetha ukuthini xa athi kufuneka "siyikhawulezise" imini kaThixo? Singayikhawulezisa njani imini kaThixo, oko kukuthi, ukuBuya kwesiBini?

2. Sithi indalo iyi"ncwadi yesibini" kaThixo. Ngelishwa, njengencwadi kaThixo yokuqala (iBhayibhile), le ncwadi yesibini ingaguqulwa gwenxa, nayo. Umzekelo, kubantu abaninzi isigidimi sokuceba nenjongo zisusiwe endalweni, endaweni yazo kwabekwa imbono kaDarwin yokuzivelela zithi gqi izinto kunye nokukhetha kwemvelo. Ilizwe, kutshiwo, alizange licetywe ngokwenene; endaweni yoko, libonakala njalo kuthi. Singayifunda njani ke ngoko, size siyichaze le ncwadi yesibini ngendlela eyiyo? Ithini imida yento enokufundiswa yincwadi yesibini ngoThixo? Luncedo luni esinokulufumana kwincwadi yokuqala olunokusinceda ukuba siyiqonde ngendlela eyiyo eyesibini? Kwenzeka ntoni xa ukuchaza kwethu indalo, eyincwadi yesibini, kuphikisana nokuchaza eyokuqala, eyiBhayibhile? Iphi ingxaki?